

Kusasa uKhabo ubona isigcawu.

Usibona efestileni.

Isigcawu singaphakathi.

UKhabo ufuna ukulila.

Isigcawu sikhulu siyoyikeka.

UKhabo ucinga isigcawu siyaluma.





UKhabo ubona imibala yesigcawu.


Ubona ubuso oboyikekayo besigcawu.

Ufuna simke isigcawu.

UKhabo ubiza uMama wakhe.

UMama akasoyiki isigcawu.





“Asinabungozi esi isigcawu, Khabo,” utsho uMama. “Izigcawu zinceda ukutya izinambuzane.”

UMama ususa akhuphe isigcawu.

Isigcawu sakhasa saphuma ngefestile.

UKhabo uziva ekhululekile.





UKhabo ubona isinambuzane.

Sifuna ukumluma impumlo.

UKhabo ufuna sibuye isigcawu esikhulu.